Isifundo 12

**Disemba 16–22*

Ukoyisa Ububi Ngokulungileyo

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela le Veki:
Roma 12, 13.

Indima Yenkumbulo:
"Ningamilisi okweli phakade; manibe kumila kumbi ngokuhlaziyeka kwengqiqo yenu, ukuze nikucikide into okuyiyo ukuthanda kukaThixo olulungileyo, okukholekileyo, okuzalisekileyo" (Roma 12:2).

Nokuba sefuna kangakanani uPawulos ukuchitha ukusebenzisa kwamaRoma iimbono zawo zobuxoki ngomthetho, ukwabizela onke amaKristu kumgangatho ophezulu wokuthobela. Oku kuthobela kuphuma kutshintsho lwangaphakathi entliziyweni nasengqondweni yethu, utshintsho olubakho kuphela ngamandla kaThixo asebenza emntwini ozinikele kuYe. UmaRoma akanayo nento erhesha ukuba oku kuthobela kuyazizela ngokwako. UmKristu udinga ukuba akhanyiselwe ngokuba zintoni ezifunekayo; kufuneka alangazelele ukuthobela ezo mfuno; kuthi, ekugqibeleni, umKristu afune amandla ekuthi xa engenawo angakwazi ukuthobela. Into ethethwa koku ithi imisebenzi iyinxalenye yenkolo yobuKristu. UPawulos akazange azimisele ukuyenzela phantsi imisebenzi; kwizahluko se-13 ukuya kwese-15, uyinika ucinezelo olunamandla. Oku asikuko ukkhanyela oko ebesele ekuthethile ngaphambili ngobulungisa ngokholo. Kwelinye icala, imisebenzi isisibonakalaliso esiyinene sento ethethwa kukuphila ngokholo. Omnye angae axoxe athi, ngenxa yesityhilelo esongezekileyo emva kokuba kufike uYesu, iimfuno zeTestamente eNtsha azikho nzima kunoko kwakufunwa kweNdala. Amakholwa eTestamente eNtsha anikwe umzekelo weyona ndlela iyiyo yokuziphatha ngokulungileyo kuYesu Kristu. NguYe engekho omnye obonisa umzekelo esimele ukuwulandela. "Yibani nale ngcinga kuni, wayenayo kuye" [hayi uMoses, hayi uDaniyeli, hayi uDavide, hayi uSolomon, hayi uEnoki, hayi uDebhora, hayi uEliya] "uKristu Yesu" (Filipi 2:5). Umgangatho awunyuki, kwaye ungenako ukunyuka kunoko.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaDisemba 23.*

Inkonzo Yenu Yasengqondweni

Ngesahluko se-11, indawo yemfundiso kwincwadi yabaseRoma iyaphela. Izahluko ese-12 ukuya kwese-16 zinika imfundiso ephathekayo namanqaku okuqatshelwa. Sekunjalo ke kodwa, ezi zahluko zigqibezelayo zibaluleke ngendlela engaphaya kuba zibonisa indlela ubomi emabuphilwe ngayo bokholo. Zisuka nje ekuqaleni, ukholo alumi endaweni yokuthobela, ngokungathi ukholo ngandlela ithile luphelise ukunyanzeleka kwethu ukuba siyithobele iNkosi. Imiyalelo yokulungileyo isenegunya; iyachazwa, ikhuliswe kwiTestamente eNtsha. Akukho nto ibonisayo inikiweyo, ukuba kuya kubalula kumKristu ukumisa kakuhle ubomi bakhe ngale mithetho yokuziphatha ngokulungileyo. Kwelinye icala, sixelelwa ukuba maxa wambi kunokuba nzima, kuba idabi no-mna kunye nesono lisoloko linzima (1 Pet. 4:1). UmKristu uthenjiswe amandla ezulu wanikwa isiqinisekiso sokuba uloyiso lunako ukubakho, kodwa sisekulo mhlaba wotshaba ngoko kuza kufuneka silwe amadabi amaninzi nesihendo. Iindaba ezilungileyo zezokuba, ukuba siyawa, ukuba siyakhubeka, asilahlelwa kude kodwa sinaye uMbingeleli oMkhulu osithethelelayo. (Heb. 7:25).

Funda Roma 12:1. Imfaniso enikwe apha iyiveza njani indlela thina njengamaKristu esimele ukuphila ngayo? Ulungelana njani nokuthi umaRoma 12:2?

KumaRoma 12:1, uPawulos urhesha imibingelelo yeTestamente eNdala. Njengokuba kudala izilwanyana zazibingelelwa kuThixo, ngokunjalo ngoku, amaKristu amele ukunikela imizimba yawo kuThixo—kungakuba kufuneka ebulewe kodwa njengamadini aphilileyo enikelwe emsebenzini waKhe. Ngexesha likaSirayeli wakudala, yonke iminikelo eyayiziswa ukuba ibe ngumbingelelo yayihlolwa ngocoselelo. Ukuba kubonakele nasiphi isiphako esilwanyaneni, sasisaliwa, kuba uThixo wayeyalele ukuba umnikelo ungabi nasiphako. Ngokunjalo, amaKristu ayalelwe ukuba anikele imizimba yawo "ibe lidini eliphilileyo, elingcwele, elamkelekileyo kuThixo." Ukuze akwazi ukukwenza oku, onke amandla kufuneka egcinelwe eyona meko ilungileyo enokubakho. Nangona kungekho noyedwa kuthi ongenaso isiphako, ithi into, simele ukufuna ukuphila singenabala sithembekile kangangoko sinako.

"Manibe kumila kumbi ngokuhlaziyeka kwengqiqo yenu" (Roma 12:2). Ngale ndlela umpostile uchaza inkqubela (yobuKristu); kuba uthetha nabo sebengawo amaKristu. Ubomi bobuKristu abuthethi ukuma ngxi, kodwa ukuhamba usuka koko kulungileyo kusiya kokungcono (okulunge ngaphezulu)."—Martin Luther, Commentary on Roma, pp. 167, 168. Kuthetha ukuthini ukusuka kokulungileyo kuye kokungcono ebomini bobuKristu?

Ukucinga Ngendlela Ephilileyo

Sithethe kakhulu kule kota ngokuba ngunaphakade komthetho kaThixo wokulungileyo saza saphinda-phinda ukucinezela ukuba isigidimi sikakPawulos encwadini yabaseRoma ayisiso esifundisa ukuba imiThetho eliShumi isusiwe okanye ngandlela ithile yenziwe ayabi nto ngokholo. Kanti ke, kulula ukuzifumana sibambekile kumagama omthetho side silibale ngomoya owuqhubayo. Loo moya luthando—ukuthanda uThixo nokuthandana omnye nomnye. Nangona nabani enako ukuthi unothando, ukubonisa oko kubomi bemihla ngemihla kungaba ngumcimbi owahlukileyo ngokupheleleyo.

Funda Roma 12:3–21. Sinokulubonisa njani uthando kwabanye?

Njengaku-1 Korinte 12 ne-13, uPawulos uphakamisa uthando emva kokuthetha ngezipho zikaMoya. Uthando (isiGrike agape) yeyona ndlela intle kakhulu. "UThixo uluthando" (1 Yohane 4:8). Ngoko ke, uthando luchaza isimilo sikaThixo. Ukuthanda kukwenza kwabanye njengoko uThixo esenza nokubaphatha njengoko uThixo ebaphatha. UPawulos apha ubonisa ukuba uthando kufuneka lubonakalaliswe ngendlela ebonakalayo. Omnye umthetho-siseko uyaphuhla, oko kukuthobeka komntu: ukulungela "[uku]ngazicingeli ngaphezu koko umelwe kukuzicingela ngako" (Roma 12:3), ukulungela "ukuphangelana ngokwenzelana imbeko" (Roma 12:10), nokulungela ukungabi "ziingqondi ngokwenu" (Roma 12:16). Amazwi kaKristu angaYe, athi, "Thabathani idyokhwe yam niyithwale, nifunde kum; ngokuba ndinobulali, ndithobekile ngentliziyo" (Mat.11:29), wufumane umongo woko. Kubo bonke abantu, amaKristu kufuneka abe ngawona athobekileyo. Ngapha koko, khangela indlela esingenakuzinceda ngayo. Khangela kwindlela esixhomekeke ngayo, kungekuphela kubulungisa bangaphandle kwethu ngosindiso kodwa nakumandla okusebenza ngaphakathi kwethu ukuze sibe nokutshintshwa ngeendlela esingenakuze sisitshintshe ngayo thina. Yintoni esinayo esingaqhayisa ngayo? Yintoni esinayo ngaphakathi nangokwethu esingaba nekratshi ngayo? Akukho kwanto, konke konke. Xa sisebenza siqala ekuqaleni koku kuzithoba komntu—kungekuphela phambi kukaThixo kodwa naphambi kwabanye—simele ukuphila njengoko uPawulos esicebisa ukuba senjenjalo kwezi ndima.

Funda: Roma 12:18. Uqhuba kakuhle kanjani ukulenza eli cebiso ebomini bakho khona ngoku? Ingaba ungafuna ukulungisa ingqondo ukuze ukwazi ukwenza oko iLizwi lisixelela kona apha?

UmKristu Noburhulumente

Funda Roma 13:1–7. Ithini imithetho-siseko esinokuyifumana kule ndawo ngendlela esinokwalamana ngayo namagunya alawulayo karhulumente?

Into eyenza ukuba amazwi kaPawulos anike umdla omkhulu yeyokuba wabhala ngexesha xa ubukumkani bobuhedeni behlabathi—obabunokuba ndlongondlongo nendlela engakholelekiyo, obabukhohlakele baya kufika emongweni, nobabungazi nto ngoThixo wenyaniso nobabuza kuthi, kwiminyaka embalwa, buqale intshutshiso enkulu yabo babefuna ukunqula loo Thixo. Kakuhle, uPawulos wabulawa nguloo rhulumente! Kanti ke, sekunjalo konke oko, uPawulos wayekhuthaza ukuba amaKristu abe ngabemi abalungileyo, phofu ke, ingaba naphantsi korhulumente onjalo? Kunjalo. Konke kungokuba ingcamango karhulumente ngokwayo ifumaneka kuyo yonke iBhayibhile. Ingcamango, umthetho-siseko woburhulumente, kumiselwe nguThixo. Abantu badinga ukuphila ngokuhambelana nemithetho nemimiselo nemigangatho. Uvukelo aluyiyo imbono yeBhayibhile. Sekutshiwo, oko akuthethi ukuba uThixo uvumelana nazo zonke iintlobo zoburhulumente okanye indlela abaqhuba ngayo bonke oorhulumente. Ngokuchaseneyo. Umntu akadingi ukukhangela kude kakhulu, nokuba kusembalini okanye elizweni namhlanje, ukuba abone inkohlakalo yezilawuli. Kanti ke nakwezi meko zinje ngezi, amaKristu kufuneka, kangangoko kunokwenzeka, ayithobele imithetho yelizwe. AmaKristu kufuneka anike inkxaso ethembekileyo urhulumente lo gama amabango akhe engangqubani namabango kaThixo. Umntu kufuneka aqaphele enomthandazo nangononophelo olukhulu—nangokucebisana nabanye—ngaphambi kukoba angene kwindlela emenza angqubane namagunya aphetheyo. Siyazi esiprofetweni ukuba, ngenye imini bonke abalandeli bakaThixo abathembekileyo baza kukekelela ngakwicala elilwa namagunya opolitiko ekulawulweni kwehlabathi (IsiTyhilelo 13). Kude kube ngelo xesha, masibe ngabemi abalungileyo nakweliphi ilizwe esihlala kulo. "Kufuneka sibamkele uburhulumente bomntu njengomthetho wokunyulwa lizulu, sikufundise ukubuthobela njengomsebenzi ongcwele, ngokwegunya lolawulo lwalo. Xa athe amabango abo angqubana namabango kaThixo, kufuneka sithobele uThixo endaweni yomntu. Ilizwi likaThixo kufuneka lihlonitshwe njengelingaphezu kwayo yonke imimiselo yomntu. . . . "Asilindelekanga ukuba siwadele amagunya. Amazwi ethu, nokuba ayathethwa okanye ayabhalwa, kufuneka aqatshelisiswe kakuhle, hleze sizifake kwingxelo yabantu abathetha ngokuchasene nomthetho nocwangco. Akufuneki senze okanye sithethe nantoni na eya kuthi, ngokungafanelekanga, iyivale indlela yethu."—Ellen G. White, *IZenzo Zabapostile, iph. 69*.

Thandanani

“Musani ukuba natyala lanto mntwini, lingelilo elokuthandana; kuba omthandayo omnye uzalise umthetho.” (Roma 13:8). Sinokuyiqonda ngoluphi uhlobo le ndima? Ingaba ithetha ukuthi, ukuba sinothando, asisanyanzelekanga ukuba siwuthobele umthetho kaThixo?

Njengoko uYesu wenza kwiNtshumayelo yaseNtabeni, uPawulos apha wandisa imiyalelo yomthetho, ebonisa ukuba uthando kufuneka lube ngamandla akhuthazayo kuko konke esikwenzayo. Ngenxa yokuba umthetho ungumbhalo wesimilo sikaThixo, abe uThixo eluthando, ukuthanda, ke ngoko, kukuzalisa umthetho. Kanti ke, uPawulos akamisi umgangatho ongacacanga wothando endaweni yemiyalelo yomthetho eneenkcukacha ezibekiweyo zokuluchaza, njengoko esitsho amanye amaKristu. Umthetho wokulungileyo usaqamangela, kuba, kwakhona, nguwo owalatha isono—ingubani ke oza kukhanyela ubukho besono? Sekunjalo, umthetho ngokwenene ungagcinwa kuphela kwimeko yothando. Khumbula, abanye babo basa uKristu emnqamlezweni ngoko babalekela ekhaya besiya kugcina umthetho!

Yeyiphi imithetho uPawulos awayeyicaphula njengemizekelo ebonisa umthetho-siseko wothando ekugcinweni komthetho? Kungokuba kutheni le ngokukodwa? Roma 13:9, 10.

Okunika umdla, imeko yothando asinto entsha yomthetho–siseko owawungeniswa. Ngokucaphula uLevitikus 19:18, “Uze umthande ummelwane wakho ngoko uzithanda ngako,” UPawulos ubonisa ukuba umthetho-siseko wawuyinxalenye yohlelo lweTestamente eNdala. Kwakhona uPawulos ubhenela kwiTestamente eNdala ukuxhasa ukushumayela kwakhe igospile. Abanye baxoxa kwezi ndima ukuba uPawulos ufundisa ukuba yimithetho embalwa kuphela ekhankanyiweyo esebenzayo. Ukuba kunjalo, ingaba oko kuthetha ukuba, ngenxa yoko, amaKristu anokungababeki abazali bawo, anqule izithixo, abe nabanye oothixo ngaphandle kukaYehova? Akunjalo. Qaphela le ndawo kuthethwa kuyo. UPawulos uphethe umba wokwalamana omnye nomnye. Uphethe umba wolwalamano lwabantu, ekungenxa yeso sizathu ecinezela ngokunika iinkcukacha zemithetho esesazulwini solu lwalamano. Ingxoxo yakhe, ngokuqinisekileyo, akufuneki ichazwe ngokungathi iyawususa omnye umthetho. (Bona IZenzo 15:20, 1 Tes. 1:9, 1 Yohane 5:21.) Ngaphandle koko, njengoko ababhali beTestamente eNtsha besitsho, ngokubonisa uthando kwabanye, nathi sibonisa uthando lwethu kuThixo (Mat. 25:40; 1 Yohane 4:20, 21).

Cinga ngolwalamano lwakho noThixo nendlela obubonakalaliswa ngayo kwabanye. Luyinto enkulu kangakanani uthando kolo lwalamano? Ungakufunda njani ukuthanda abanye ngendlela asithanda ngayo uThixo? Yintoni emi endleleni yokukwenza oko?

Ngoku Usindiso Lolwethu

“Silazi nje ixesha eli, ukuba lilixa lokuba ngoku sivuke ebuthongweni; kuba ngoku usindiso lukufuphi kuthi, kunokuba saqalayo ukukholwa” (Roma 13:11).

Njengoko sesitshilo kule kota yonke, uPawulos wayenento ekhetheke ngendlela eyodwa awayeqwalasele kuyo kule leta iya kwabaseRoma, yaye oko yayikukucacisa ebandleni eliseRoma—indawo yokholo nemisebenzi kuMnqophiso oMtsha. Umba wawungokusindiswa nendlela umoni abonwa elungile nangcwele ngayo phambi kukaThixo. Ukuncedana nabo ukucinezela kwabo konke kwakusemthethweni, uPawulos uwubeka umthetho kwindawo nemeko yawo efanelekileyo. Nangona, ngokwenene, ubuYuda kwakumaxesha eTestamente eNdala, babuyinkonzo yobabalo, kwaza ukugcina ngqongqo umthetho kwabakho kwenza umonakalo omkhulu. Simele ukuba sikulumkele kakhulu thina silibandla ukuba singenzi kwaloo mpazamo inye.

Funda Roma 13:11–14. Sesiphi isiganeko uPawulos athetha ngaso apha, kwaye simele ukwenza njani ukusilindela eso siganeko?

Inika umdla kakhulu into yokuba uPawulos wayebhekisa apha kumakholwa, ewaxelela ukuba avuke ayihlanganise kuba uYesu wayesiza kubuya. Le nto yokuba oku kwabhalwa phantse iminyaka engamawaka amabini eyadlulayo ayithethi. Kufuneka sisoloko siphila ngokulindela ukuba kufuphi kokubuya kukaKristu. Ngokubhekiselele kuthi, ngokwawethu amava, ukuBuya kwesiBini kukufuphi kangangangesakhono sokufa kwethu. Nokuba kukwiveki ezayo okanye kuma-40 eminyaka sivala amehlo ethu ekufeni, nokuba silala kuphela iintsuku ezine okanye iminyaka engama-400—konke oko akwenzi mahluko kuthi. Into elandelayo esiyaziyo kukubuya kukaYesu. Njengokuba ukufa kusoloko kukufuphi kakhulu nakubani apha kuthi, ixesha ngokwenene lifutshane, kwaye ukusindiswa kwethu kukufuphi kunokuba saqalayo ukukholwa. Nangona uPawulos engathethi kakhulu kwincwadi yabaseRoma ngokuBuya kwesiBini, kwiincwadi zabaseTesalonika nabaseKorinte ukubeka konke ngeenkcukacha ezininzi. Ngapha koko, ngumxholo obalulekileyo eBhayibhileni, ngakumbi kwiTestamente eNtsha. Ngaphandle kwawo, kunye nethemba olinikayo, ukholo lwethu, ngokwenene, alunantsingiselo. Ngapha koko, kungaba kuthetha ntoni “ukugwetyelwa ngokholo” ngaphandle kokuBuya kwesiBini ukuzisa loo nyaniso imangalisayo ekuzalisekeni okuphele leyo?

Ukuba ubusazi ngokuqinisekileyo ukuba uYesu uyeza kwinyanga ezayo, yintoni obuya kuyitshintsha ebomini bakho, ngokuba kutheni? Ukuba uyakholwa ukuba udinga ukuzitshintsha ezi zinto, kuseyinyanga phambi kokufika kukaYesu, kutheni ungazitshintshi ngoku? Yintoni umahluko?

Ingcamango Eyongeziweyo:

"EBhayibhileni intando kaThixo ityhiliwe. Iinyaniso zeLizwi likaThixo kukuthetha kOsenyangweni. Lowo uzenza ezi nyaniso ukuba zibe yinxalenye yobomi bakhe, ngayo yonke indlela uba sisidalwa esitsha. Akanikwa amandla engqondo amatsha, kodwa ubumnyama obuthi ngokuswela ukwazi kunye nesono buyigubungele ingqiqo, buyasuswa. Amazwi athi, 'Ndininika intliziyo entsha,' athi, 'Ndininika ingqondo entsha.' Ukutshintsha kwentliziyo kusoloko kuhamba nengqondo ecacileyo yomthwalo wobuKristu, nokuyiqonda inyaniso. Lowo unika iziBhalo ingqwalaselo esondeleyo nenomthandazo uya kuzuza ukuqonda nembono ekrelekrele, ngokungathi ngokubheka kuThixo uye wafikelela kumgangatho ophezulu wokuba nobuchopho."—Ellen G. White, *My Life Today*, p. 24.
"INkosi iyeza kamsinya, kwaye kufuneka sikulungele sikulindele ukubonakala kwaYo. Athi, indlela ekuya kuba kuhle ngayo ukuyibona [iNkosi] nokwamkelwa njengabaYo abahlangulweyo! Kuse kukudala silindile, kodwa ithemba lethu akufuneki libe mfiliba. Ukuba nje singambona uKumkani kubuhle baKhe, siya kusikeleleka ngonaphakade. Kuthi mandikhwaze kakhulu ndithi: 'Kuyagodukwa!' Sisondele kwixesha xa uKristu aza kufika esemandleni nasebuqaqawulini obukhulu ukuba athabathe abahlanguliweyo baKhe abase kwikhaya labo laphakade."—Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 8, p. 253.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Eklasini, phindani umbuzo osekupheleni kwesifundo sangoLwesine. Zithini iimpendulo abantu abazinikileyo, bazithethelela kanjani?

2. Umba wokuba singangabemi abalungileyo njani namaKristu alungileyo ungaba nobunzima ngamanye amaxesha. Ukuba ubani ebengafika kuwe efuna ukucetyiswa ngokumela into akholelwa ukuba yintando kaThixo—nangona iya kumenza angqubane norhulumente—ubungathini? Sisiluleko esithini onokusinika? Yeyiphi imithetho-siseko onokuyilandela? Kutheni le nto iyinto esinokuqhubeka nayo kuphela ngokuyicingisisa ngokuzimisela nokuthandaza okukhulu? (Ngapha koko, asinguye wonke umntu ophoswa emhadini wengonyama aphume engenzekanga nto.)

3. Ucinga ukuba yeyiphi into enzima kakhulu ukuyenza: ukuhlala ngqongo kokubhalwe emthethweni okanye ukuthanda uThixo nokuthanda abanye ngokupheleleyo? Okanye ungaxoxa uthi, lo mbuzo ubeka izinto ezimbini ezingadibenanga? Ukuba kunjalo, kungokuba kutheni?

4. Njengokuba sisondela ekupheleni kwale kota, thethani eklasini ngoko nikufundileyo encwadini yabaseRoma okuninceda ukuba niqonde ukuba kwakutheni le nto lwalubaluleke kakhulu kangako uHlaziyo. Isifundise ntoni incwadi yabaseRoma ngale nto siyikholelwayo nokuba kungani ukuba siyikholelwe?

Notes